



Ikhweshine yemozulu yokhuseleko lweNordic emsebenzini



Injongo yeli phephamibuzo kukufumana uluvo lwakho ngokhuseleko kwindawo osebenzela kuyo. Iimpendulo zakho zakho ziya kufakwa ekhomyutheni zize ziphathwe ngokusekhusini. Aziyi kukhutshwa ndawo iziphumo zomntu. Nangona kunjalo sicela uphendule umbuzo ngamnye, unelungelo lokungawuphenduli umbuzo ongaziva unokuwuphendula, ingayimibuzo eliqela, okanye iphephamibuzo lilonke.

Ndiyifundile inkcazelo yephephamibuzo yaye ndiyavuma ukuliphendula iphephamibuzo phantsi kweemeko ezichaziweyo

Ewe

Eli phephamibuzo lenziwe liqela leengcali ezijongene neemeko zemisebenzi leNordic elifumana inkxasomali kwiBhunga laBaphathiswa beNordic



Imizekelo yendlela yokubhala iimpendulo zakho

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu | |
|---------------------------------------|-------------------------------------|--------------------------|-------------------------------------|-------------------------------------|---|
| Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | | | |
| I | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input checked="" type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | Kwenziwe izilungiso kwindawo engachanekanga yokubeka uphawu |
| ii | <input checked="" type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input checked="" type="checkbox"/> | Uphawu lubekwe ngokutsha kwindawo echanekileyo |

Ukuba ubeke u X kwibhokisi engachanekanga, yikuhle yonke ibhokisi uze ubeke uX kwibhokisi echanekileyo

Ingcombolo emalunga nawe

A Unyaka ozelwe ngawo 19 | | 20 | |

B Ingaba Uyindoda Ulibhinqa

C Ingaba ukwisikhundla sokuphatha, umz. imanejala, isuphavayiza? Hayi Ewe, sesiphi?

Kweli candelo lilandelayo khawuchaze indlela obabona beyiphatha ngayo oomanejala neesuphavayiza indima yokhuseleko emsebenzini. Nangona eminye imibuzo ingabonakala ibufana, kodwa ke uyacelwa uphendule umbuzo ngamnye.

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu |
|---|--------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | | |
| 1. ULawulo lukhuthaza abasebenzi ukuba basebenze ngokuhambelana nemithetho yokhuseleko - nokuba basebenza phantsi koxinzelelo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 2. ULawulo luqinisekisa ukuba wonke umntu ufumana ulwazi oluyimfuneko olumalunga nokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 3. ULawulo lukhangela enye indlela enokunceda xa kukho umntu obonakalisa ukungalukhathaleli ukhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 4. ULawulo lubeka ukhuseleko ngaphambi kweziphumo zomsebenzi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 5. ULawulo lubanika ingqalelo abasebenzi abazibeka esichengeni xa besenza phantsi koxinzelelo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 6. Thina basebenzi balapha siyithembile yaye siqinisekile ngendlela olusebenza ngayo ulawulo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 7. ULawulo luyakwazi ukuqinisekisa ukuba iingxaki zokhuseleko ziyaqatshelwa ngexesha lokwenziwa imijikelezo/iimvavanyo ze zilungiswe kwangoko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 8. Xa kuthe kwabhaqeka into enobungozi, ulawulo aluyihoyi yaye alwenzi nto ngayo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 9. ULawulo luyasilela ukukhawulelana nokhuseleko ngendlela efanelekileyo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Nangona eminye imibuzo ingabonakala ibufana, kodwa ke uyacelwa uphendule umbuzo ngamnye

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu |
|---|--------------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| | Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | |
| 10. ULawulo luzama kangangoko lunako ukwenza imigaqo yokhuseleko ilungelelane nomsebenzi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 11. ULawulo luyaqinisekisa ukuba umntu ngamnye anganegalelo kwezokhuseleko emsebenzini wakhe | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 12. ULawulo luyabakhuthaza abasebenzi ukuba babe nenxaxheba kwizigqibo ezenziwayo ezichaphazela ukhuseleko lwabo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 13. ULawulo azange lukhe luzinike ngqalelo iziphajkamiso zabasebenzi ezimalunga nokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 14. ULawulo luzama kangangoko ukuba wonke umntu kwindawo yokusebenzela ukuba abe nobuchule nolwazi ngokhuseleko neengozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 15. ULawulo azange lukhe luzicele izimvo zabasebenzi ngaphambi kokwenza izigqibo ngezokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 16. ULawulo luyababandakanya abasebenzi ekwenzeni izigqibo zokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| <hr/> | | | | |
| 17. ULawulo luye luqokelele iinkcukacha ezichanekileyo xa kusenziwa uphando ngento eyenzekileyo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 18. Ukoyika isohlwayo (iziphumo ezingezihlanga) zabalawuli ziyabatyhafisa abasebenzi balapha bade bangazixeli izinto eziphantse zayingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 19. ULawulo luyammamela wonke umntu obebandakanyeka kwinto ebithe yenzeka | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Nangona eminye imibuzo ingabonakala ibufana, kodwa ke uyacelwa uphendule umbuzo ngamnye

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu |
|---|--------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | | |
| 20. ULawulo lukhangela izizathu, aluqali ngokubabeka izityholo ebantwini xa kukho kuthe kwenzeka into | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 21. ULawulo lusoloko lugxeka abasebenzi ngeengozi ezenzekileyo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 22. ULawulo lubaphatha kakuhle abasebenzi abathe babandakanyeka engozini | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Kweli candelo lilandelayo khawuchaze obabona abasebenzi beyiphatha ngayo indima yokhuseleko emsebenzini

| | | | | |
|---|--------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| 23. Thina basebenzi balapha sizama kangangoko ukuba sifikelele kwelona nqanaba liphezulu lokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 24. Thina basebenzi balapha siyabambisana ngoxanduva ukuze siqinisekise ukuba indawo yokusebenzela igcinwa iqoqoshekile | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 25. Thina basebenzi balapha asilukhathalele ukhuseleko lomnye | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 26. Thina basebenzi balapha siyaziphepha izinto ezinobungozi ezithe zabhaqeka | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 27. Thina basebenzi balapha siyancedana ukuze sisebenze ngokukhuselekileyo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 28. Thina basebenzi balapha asinaxanduva ngokhuseleko lomnye | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Nangona eminye imibuzo ingabonakala ibufana, kodwa ke uyacelwa uphendule umbuzo ngamnye

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu |
|---|--------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | | |
| 29. Thina basebenzi balapha siyithatha njengento engenakuphepheka ingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 30. Thina basebenzi balapha iingozi ezingephi sizithatha njengento eqhelekileyo eyinxenye yomsebenzi wethu wemihla ngemihla | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 31. Thina basebenzi balapha asizinaki iimeko ezinobungozi oko nje kungazukwenzeka zingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 32. Thina basebenzi balapha siyayophula imithetho yokhuseleko ukuze sigqibe ukusebenza kwangexesha | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 33. Thina basebenzi balapha asizange sizibeke esichengeni nokuba inkqubo yokusebenza ibeka uxinzelelo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 34. Thina basebenzi balapha siwuthatha umsebenzi wethu njengongawalungelanga amagwala | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 35. Thina basebenzi balapha sinako ukujongana nobungozi emsebenzini | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| <hr/> | | | | |
| 36. Thina basebenzi balapha ziyazama ukufumana izisombululo xa othile ebonisa ukuba ikho ingxaki kwezokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 37. Thina basebenzi balapha siziva sikhuselekile xa sisebenza sibambisene | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 38. Thina basenze balapha siyabuthemba ubuchule bomntu ngamnye ukuqinisekisa ngokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Nangona eminye imibuzo ingabonakala ibufana, kodwa ke uyacelwa uphendule umbuzo ngamnye

| | Andivumi kwaphela | Andivumi | Ndiyavuma | Ndivuma kakhulu |
|---|--------------------------|--------------------------|--------------------------|--------------------------|
| Beka uphawu uX kumbuzo ngamnye | | | | |
| 39. Thina basebenzi balapha sifunda kumava ethu ze sikwazi ukuthintela iingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 40. Thina basebenzi balapha siyakwazi ukuzithathela ingqalelo iimbono neengcebiso zabanye ezimalunga nokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 41. Thina basebenzi balapha asifane sithethe ngokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 42. Thina basebenzi balapha sisoloko sibonisana ngemiba yokhuseleko xa kuvela imiba enjalo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 43. Thina basebenzi balapha siyakwazi ukuthetha sikhululekile nangokuphandle ngokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| <hr/> | | | | |
| 44. Thina basebenzi balapha siyinika ingqalelo into yokuba ukubonakalisa ukhuseleko olufanelekileyo lunendima ebalulekileyo ekuthinteleni iingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 45. Thina basebenzi balapha sikubona ukwenziwa kwemijikelo/uvavanyo lokhuseleko lungenagalelo kwezokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 46. Thina basebenzi balapha sikubona ukwenziwa koqeqesho kwezokhuseleko kulungile ekuthinteleni iingozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 47. Thina basebenzi balapha sikubona ukwenziwa kwezicwangciso zokhuseleko kungenantsingiselo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 48. Thina basebenzi balapha sikubona ukwenziwa kwemijikelo/iimvavanyo zokhuseleko kunceda ekubhaqeni izinto ezinobungozi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 49. Thina basebenzi balapha sikubona ukwenziwa kweenkqubo zoqeqesho kungenantsingiselo | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 50. Thina basebenzi balapha sikubona kubalulekile ukuba kubekho iinjongo ezicacileyo zokhuseleko | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

Ukuba uyafuna ukunika ingcaciso kwezinye iimpendulo zakho, okanye xa ufuna ukunika izimvo malunga nolu phando, uvumelekile ukuba uzibhale phantsi.

Nika izimvo zakho:

☺ Siyabulela ngeempendulo zakho ozinike kweli phephambuzo. Qinisekisa ukuba uyijongile ibhokisi ekwiphepha elingaphambili elibonisa ukuba uyinike imvume unolwazi ngokuqhubekayo ekuthatheni inxaxheba kolu phando ☺



NATIONAL RESEARCH CENTRE
FOR THE WORKING ENVIRONMENT



International
Research
Institute of Stavanger



IBhunga laBaphathiswa lommandla
weNordic

nfa.dk/NOSACQ